

# Vuk'uzenzele

**JOBS  
INSIDE:**


Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa / English

| September 2016 Edition 1



Minister in The Presidency for Planning, Monitoring and Evaluation, Jeff Radebe announced a plan to support small business and cooperatives.



**Celebrating  
SA's heritage**

Page 4



**Ikaheng builds  
the community**

Page 15

**Team South  
Africa flies the  
flag high**

Page 16

## Small businesses get a boost

Noluthando Mkhize  
and Neo Semono

**G**overnment has given South African small businesses and cooperatives a lifeline.

This after government announced that it has set aside 30 percent of its procurement spend for services from small businesses, and cooperatives.

Minister in The Presidency for Planning, Monitoring and Evaluation, Jeff Radebe,

announced this shortly after the Cabinet Lekgotla held recently.

He said a new Procurement Bill developed by National Treasury that will be introduced next year, would ensure that 30 percent of government contracts are set aside for small companies, cooperatives and township businesses.

"Government would introduce legislative amendments to implement the 30 percent

set aside to unlock the potential of SMMEs, cooperatives and the township and rural enterprises. This would be done by March 2017," said Minister Radebe.

He added that this was part of government's evaluations of financial incentives for business to strengthen and achieve greater value for money to enhance more inclusive growth.

Government will continue to focus on labour-intensive

sectors, including the need for various mechanisms to support greater impact on jobs, such as the use of the incentive programmes, amongst others: clothing, textiles, leather and footwear value-chain; agro-processing and business process services.

The economy was top of the agenda at the Cabinet Lekgotla as government assessed its

**Cont. page 2**

## Protect your social grant


Gabi Khumalo

**T**he South African Social Security Agency (SASSA) has urged social grant beneficiaries to make other arrangements with financial service providers to pay their premiums. This follows the amendments of the regulations of the Social Assistance Act of 2004, where some social grant beneficiaries will have to make other arrangements regarding the payment of funeral insurance premiums.

The amendments of the regulations was a necessary and responsible step taken by SASSA and the Department

of Social Development in order to protect vulnerable beneficiaries against dishonest financial service providers.

"The law allows for only a maximum of 10 percent of the grant value to be deduct-



ed and requires that SASSA should be informed when-

**Cont. page 2**

ALSO AVAILABLE ON:



**t** @VukuzenzeleNews

**f** Vukuzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)  
E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
Tel: (+27) 12 473 0179

**Free Copy**

# Uqoqosho Iwasemaphandleni luphucula ubomi babantu

## Siya Miti

**I**phulo kwimimandla yasemaphandleni e-Mpuma Koloni lenza ezibukwayo kwimizamo yokupuhlisa abasetyhini nolutsha.

Iilali ezininzi zixhamla amaqithi-qithi eze ne-Indibano Project, umbutho onosihlalo ongulowo wayesakuba ngumphathiswa, uLindiwe Hendricks.

Umbutho i-Indibano Projects usebenzisana neelali

**"Injongo zombutho i-Indibano kukubuyisela eluntwini."**

ukuze uphuhlise uqoqosho. Indima yawo kukuqokelela imali yamaphulo ophuhliso, ikakhulu amaphulo ezolimo, nokudibana abantu base-maphandleni namahlakani afanalekileyo.

Lo mbutho waqalwa yi-Phambili Vuna, eyinka-



Amalungu eTrasti yoLuntu yaseZulukama aqhuba ngempumelelo amaziko oboya kufutshane neWhittlesea, eMpuma Koloni.

mpani kaHendricks nomyne ni wakhe, inkampani ya-baphicothi-zincwadi, i-PwC kanye neKula Investments, eyinkampani eseMonti esebenza ngamaphulo ophuhliso lwamaphandle.

"Injongo zombutho i-Indibano kukubuyisela eluntwini. Siyabona uku ba urhulumente zikhona iindawo angenakufikelela

kuzo kwaye uhlaba ikhwelo kwiinkampani zabucala ukuba nazo zifake isandla ukuze uphuhliso lwamaphandle luqhube," utshilo uHendricks.

Eli phulo lincede ilali yase-Zulukama engaseWhittlesea, apho abahlali balapha ingabo abaqhuba nabasebenza kumaziko oboya beegusha ukuze bakwazi ukuzithe-

ngisela.


Sacenga amahlakani afana noMasipala wesiThili i-Amanthole ukuba abe yinxalenye yeli phulo. Umasipala wasinika iinkunzi neemazi zee-gusha baze abantu balapha baqegeqeshwa ngeendlela zokucheba nokufuya iigusha," kutsho uHendricks.

ITrasti yoLuntu yaseZulukama ngoku inookopolo-

tyeni abasixhenxe beegusha, ngamnye kubo uneemazi zeegusha ezili-100 neenku-nzi ezine, loo nto yenze ukuba ibe zigusha ezingama-728. Iinani lezibaya linyukile laya kutsho kuma-22 ukususela ukuqala kwayo ngo-2006.

UHendricks uthi impumelelo yamaziko oboya ibonakalisa ukuba bukhona ubutyebi emaphandleni. ▶

## Amandongomane i-macadamia eza nethemba



Ama-macadamia asemgangathweni ophezulu alinywa kumasimi ahlukaneyo eMpuma Koloni.

## Siya Miti

mmandla.

I-macadamia ngamando-ngomane atiyawayo.

I-Indibano Projects, eliphulo elineenjongo zokuxhobisa ngezakhono abasetyhini nolutsha kwiilali zaseMpuma Koloni, ikhokela iphulo lo-

kwandisa amasimi e-macadamia.

Le projekthi iyandiswa ngo-ku kwaye iqaliswi nakwisi-zwe samajingqi kuGatyana, phantsi kukaNkosi uDumalilise.

"Saye sazibandakanya

ne-EC Macadamia, esele isebenza kwiFama zaseNcera njengenkampani eqokelela imali, ukuze kwandiswe iprojekthi ye-macadamia e-Mpuma Koloni. Siqokelela imali yayo yonke into entsha enxulumene namasimi e-macadamia kweli pho-

**"Sinoxanduva lokunyula abantu endlaleni size siqinisekise ukuba bazenzela ubutyebi kwiindawo."**

ndo," utshilo uLindiwe Hendricks, olelinye lamalungu aseka i-Indibano Projects.

Umhlaba ozihektare e-zingama-300 eNcera uvelisa iitoni ezingama-50 000 ze-macadamia ngonyaka.

Kulo nyaka isivuno sikhule saya kutsho kwiitoni ezingama-80 000 kwaye ummandla waseNcera unconyiwe nje-gowona utsyebileyo kweli ngokohlobo nomgangatho

wamandondomane oveliswa kuwo," utshilo uHendricks.

Kummandla wamaMpondo, i-Indibano ikhangela iindawo ezinokulungela ukulima i-macadamia.

abantu basemaphandleni, ingakumbi abantu abatsha nabasetyhini, baxhotyiswe ngezakhono ebebekade beginazo, utshilo uHendricks.

"Into endonwabisa kakhu-lu kukubona ubomi babantu butshintsha. Ndibona ooma-na ababephelelwile lithemba benzitiya zabo zezihamo... Oku kundenza ndizive ndinelunda."

Wongeze ngelithi impumelelo yale projekthi ikhoyo ngoku yamandongomane ibonakalisa ukuba abantu basemaphandleni bang-kwazi ukuzenzela ubutyebi ngokwabo.

"Sinoxanduva lokunyula abantu endlaleni size siqinisekise ukuba bazenzela ubutyebi kwiindawo ezisemaphandleni, ukuze siphelise ingxaki yokufudu-kela kwabantwana abaninzi ezidolphini." ▶

# Ishishini lokuthunga liqhuba kakuhle kakhulu

**Albert Pule**

**E**sakhula, uNtshepeng Mofokeng (one-minyaka engama-34 ubudala) wayesoloko ene-phupha lokuba neshishini lakhe. Emva kokuba ephumelele ibanga le-12 waye wacinga ngekhondo kwezomculo waze wafaka isicelo somsebenzi kwicandelo lezeevenkile ezinkulu neleebhanki kodwa ubizo lokuba ngusomashishini lahlala linkenteza ezindlebeni zakhe.

"Nangoku ndandisebenza, iphupha lokuba neshishini lam lalihleli lindizingile. Emva kokuba ndilahle umsebenzi ebhankini ndaye ndaqalisa ukucinga ngamandla ngokufezekisa i-phupha lam," watsho uMofokeng, oyinzalelwane ya-sePimville.

Wathi akuba athe wathata isigqibo ngokuba ufunu luhlobo luni lweshishini, waye waya kufuna uncedo lwemali kwi-Arhente yeSizwe yoPhuhliso loLutsha (i-NYDA).

"Wawungaqini umnqwazi wam nge-NYDA ngenxa yezinto endandiziva zithe-thwa ngayo.

"Kodwa manditsho kona

ukuba ukwango, umsebenzi wabo uyancomeka, uncedo kunye neengcebiso zabo ziluncedo kakhulu.

Ishishini lakhe, iTsa Motse Lifestyle Concepts laye lafumana inkxaso-mali engama-50 000 eerandi yokuqala ishishini.

"Ndandivuya kakhulu, okuyinene, ndandichulumance kakhulu ngethuba ishishini likhethwa kuba oku kwabonakalisa ukuba ndandisenza umsebenzi omhle kwaye ndisenza into efanelekileyo."

Ishishini likaMofokeng lenza iikhethini, imiqamelo, iiblayindi, izinto zokondlu-la ibhedi kwaye uyakwazi nokuhombisa izindlu ngaphakathi. Ngoku uqheshe abantu abane, ababini basebenza ngokusigxina baze abanye ababini basebenze njengabasebenzi bethutyana.

Ndithengisela abantu ngqo, abo basanda kutenga izindlu, iindawo zokwamkela iindwendwe – ingakumbi iihotele ezinkulu. Ndifuna ishishini lihambe kweli khondo" UMofokeng wongeze ngelithi une-zicwangciso zokufuna nezinye iindawo anokuthengisa kuzo.



■ UNtshepeng Mofokeng ukwazile ukulifezekisa iphupha lakhe lokuba neshishini lakhe ngoncedo Iwe-NYDA.

Uthe ezinye izinto eziyimiceli mngeni asoloko agagana nazo njengomntu oneshishini elisakhasayo kukukhuphisana neenkanpani ezinkulu kushishino lwamalaphu.

"Yingxaki enkulu yona

kodwa sizama ngandlela zonke ukuqinisekisa ukuba abathengi bethu sibnika into abangayiqhelanga. Siyazihlamba iikhethini kwaye nomsebenzi wethu ukumgangatho ophezulu kakhulu, amaxabiso ethu

ayafikeleka futhi umsebenzi wethu mhle kakhulu.

UMofokeng uthi umnqweno wakhe kukubona ishishini lakhe likhula futhi lidale imisebenzi eminanzi kwilixa elizayo. □

## Umrhwebi weentlanzi uyifezekisile iminqweno yakhe

**Sboniso Dlamini**

**N**gethuba uBhekuyise Ngema efumana umsebenzi kwivenkile ethengisa imveliso zaselwandle, waye waqalwa kukuthanda i-intlanzi into leyo yathi yamkhuthaza ukuba makaqale ishishini lakhe. UNgema (onemyaka engama-51 ubudala) ngumnikazi weSofoco Fish Farm eseMandeni kumantra eDurban, kwiphondo laKwaZulu-Natal.

Eli ziko leentlanzi zase-mlanjeni lithiywe ngowona mlambo mkhulu kumantra waseMbizi-mbelwe eMandeni, KwaZulu-Natal, kwaye inamoto-nela angama-20 aneentlobo ezahlukeneyo zeentlanzi zomlambo. La matonela aneentlobo ezahlukeneyo zentlanzi i-koi kunye ne-gold-fish, azifuyileyo aze azithe-ngise ukuze enze imali



■ UBhekuyise Ngema usebenzia ingxowa ukuthutha amaqanda ewafaka kumatonela ahlukeneyo.

yokuziphilisa.

"Ndiyayithanda le nto ndiyenzayo. Ndasebenzisa ulwazana endinalo njengomntu owayengumtywini nosebenza ngombane ndomba umngxuma onobunzu obungumlinganiselo weenyawo ezintandathu ndaze ndafaka impompo endala ukuze impompele amanzi angene ematoneleli. Lo mngxuma wamanzi umpsompa iilitha ezili-165 zamanzi ngomzuzu kodwa noko kunjalo ndisafuna ezinye iimpompo ezimbini ukuze zincedise kule inye

ndinayo. Intlanzi zifuna amanzi acoekileyo kunye neendawo evulelekileyo ukwenzela umongo-moya, ke ngoko ndaye ndasebenzisa ulwazi endinalo njengomntu owayengumtywini ukuqinisekisa ukuba ziyyifumana le nto ziyifunayo," utshilo uNgema.

Ishishini likaNgema laphumelela imbaso i-Smallholder Award ngowama-2015. Uchitha ixesha lakhe elininzi enakekela ezi ntlanzi. Uyazondla, athathe amaqanda azo awafake kwelinje itonela, apho

aza kuthi afukanywe khona. Amaqanda alungele ukuqandusela aye nawo aphinde akhutshwe afakwe kwelinje itonela.

UNgema uthi uyathembu ukuba ishishini lakhe lingavuselela umdla wabantu abatsha ukuba nabo baqale

**"Ndifuna ukubonisa  
abantu abatsha  
ukuba uyakwazi  
ukuwafezekisa  
amaphupha akho,  
nokuba imeko yakho  
ithini na."**

amashishini wabo.

"Ndifuna ukubonisa abantu abatsha ukuba uyakwazi ukuwafezekisa amaphupha akho, nokuba imeko yakho ithini na. Ndifuna bazi ukuba akudingeki ukuba

uyakwazi ukuqala kancinci, uze ukhule ngokuhamba kwexesha. Amaciko kakade athi, esihleliyo sid'l'ukuhlla kwaso, esiphilayo sesithwethwayo," watsho uNgema.

Iphupha likaNgema leshishini lakhe kukuba lifike kwiqondo lokuthengisela iivenkile ezinkulu iintlanzi ephuma emanzini ngoku. Nangona eSofoco Fish Farm bengenayo ikhompyutha okanye naluphi na uhlobo lobuxhaka-xhaka bale mi-hla, usebenzia eza ndlela zakudala kwimisebenzi yakhe yase-ofisini ukuqo-qosha nokugcina iingxelo zabo bonke ubungqina beshishini lakhe bonanise-lwano nokurhweba kunye namanye amaphepha.

Uthi okwangoku, abantu abathengiselayo kuyanya-nzeleka ukuba baze kuzithethela intlanzi kuba akanayo imoto yokubasela. □